

Need an amazing tutor?

www.teachme2.com/matric



Collected and collated by

teachme2



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2018

AMANQAKU: 80

IXESHA: liyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-12.

IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B: Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO ngaLINYE.
5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo ngaNYE.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A: Imizuzu engama-50	
ICANDELO B: Imizuzu engama-20	
ICANDELO C: Imizuzu engama-50	
9. Bhala ngokucocakileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

1.1 Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A**AMAQONGA ONXIBELELWANO**

- 1 Amaqonga onxibelelwano asikhohlisa ngokusenza sicinge ukuba sinxibelelwano ngokufanelekileyo, kwaye sithe zwabha kuloo mgibe. Asisakwazi kuzonwabisa ngezinye iindlela ngaphandle kwemikhwa yokuswayaswayisa iminwe kwiiselula zethu sicofana neempawu zokuthanda- oo'like', zokuncoma njalo njalo. Asinabo ubulumko bokuqaphela ukuba loo mikhwa ayisisi ndawo ebomini bethu. Xa kuthe kwenzeka ukuba kubekho ingxaki ezifana nokungabikho kwenethiwekhi, ukungabinadatha nezinye kwiiselula zethu, abaninzi bethu bazibona bephantsi koxinzelelo olungathethekiyo, bengamalolo bekwagqwetheke nengqondo. 5 10
- 2 Imikhwa emininzi kumaqonga onxibelelwano iyasahlukanisa nobuntu bethu ngokuthi ixuthe isidima sethu isirhuqe eludakeni, ngakumbi xa singalumkanga. Kaloku uninzi lwabantu mva nje iiselula fowuni zabo luzenza imiqolomba yokuzimela xa besenza izenzo zenkohlakalo ezinjengokugrogrisa, ukulwa nokutshutshisa abanye nokukhuphisana noontangandini. Ngaphezu koko amaqonga onxibelelwano akwafunxa emfimfitha amandla ethu. Awona aphambili ngala; uFacebook, Instagram, blogs, YouTube, Tweeter noWhatsApp. Kanti ke la maqonga akaneli nje ukusityela ixesha nokuchitha amandla ethu ngelize, akwasikhuthazela kumkhuba wokugweba abanye abantu, nto leyo itshintshe izimo nezimilo zethu. 15 20
- 3 Ukusetyenziswa kwamaqonga onxibelelwano ngokungenabulumko, nangokungabazazelwanga liso kuneziphumo ezihlasimlisa umzimba. Ezo ke luxinzelelo lwengqondo, ubulolo, ukungazazi nokuba ungubani, ukulahlekwa kukuzithemba, ukuzeya, ubuvila, unxunguphalo, ikratshi nokungabinankqubela. UChikezie Uzuegbunam ukungqina oku ngebali lakhe lonyaka ophelileyo apho abelixhoba loxinzelelo lwengqondo, unxunguphalo nobulolo. Untywele akavela nangenwele kwi-intanethi etshintshatshintsha amaqonga onxibelelwano. Uthinjwe mpela ngulo mkhwa wokuncamathela kula maqonga. Eyona nto ibibalulekile kuye, ngokokutsho kwakhe, ibikukujonga ukuba ngubani omncomileyo, nojonge oko akuxhome kumakhasi amaqonga akhe. Ubesel'efana nqwa nekhoboka leziyobisi, ulonwabo lwakhe eluxhomekekise kula maqonga. Uzifumanisa kunzima ukukwamkela ukuba ngenene uthinjiwe ngumkhwa wamaqonga onxibelelwano nangona engumntu omdala nofundileyo. Ekugqibeleni, uthathe isigqibo esinzima, wathatha ikhefu kuloo mkhwa wokuxhomekeka kula maqonga. Kwithutyana leentsuku ezimbini waziva enoxinzelelo, ephantsi ngokwasemoyeni ekwanengxubevange yeemvakalelo. Weva ngathi umphefumlo uyaqhawuka, okungathi ulahlekelwe yinto enkulu ebomini bakhe, enoloyiko lokusilela, enesithukuthezi, engakwazi kwenza nto, ekwanodandatheko. 25 30 35 40

- 4 Ngesithuba seveki ekweli khofu linobunzima, uvune okuninzi. Uye wehla umdla wakhe kumaqonga onxibelelwano ebewalandela waqalisa ukufunda iincwadi, ukuzilolonga ngokuhamba nokubaleka. Uthathe iintsuku ezisibhozo esenza oko, emva koko waziva esemandleni, amehlo akhe avuleka, abona iindawo ezintsha, wonwatyiswa nakukubona abantu ebengabaqhelanga. Uye walibona ixabiso elingenakuthelekiswa nanto ekudibaneni ancokole nabantu abahlukeneyo ingakumbi abaxabisileyo nazalana nabo. Wabulela encoma indalo kaThixo wabubona nobuntu kwizinto ebengazithatheli ngqalelo. Zazizifikela lula iingcamango engqondweni yakhe nezisombululo zobuyaluyalu obabusengqondweni yakhe. Bavela xa kulapho ke ubuchule bakhe bokubhala. Ngokuya kuhlamba iintsuku, wabuyela kumaqonga onxibelelwano. Kweli tyeli wayengasenawo tu umdla kulo tyhefu ithimbayo. Waba ngumntu wabantu, wazithanda, wafunda nokuzonwabisa. 45 50 55
- 5 Lilonke, amaqonga onxibelelwano afuna ubulumko kuba anecala elihle nelibi njengayo nayiphi into ebomini. Anamandla okujija iingqondo zabantu. Oku kwenzeka ngendlela emayana. Ungalumkanga ungazibhaqa uzilibe ukuba ungubani, uzibone ungenaxabiso, uxhomekeke ekuqinisekiseni ngabanye abantu ukuba ungubani okanye ufanelwe yintoni. Ide ibesisiqhelo into yokukhukhuliswa bubomi babanye abantu endaweni yokubona ubuhle umntu anabo. Nakubeni kunjalo la maqonga anakho ukubahlanganisa abantu, abanike amathuba okuthabatha inxaxheba bebambisene, kwimiba yezopolitiko, ukulwa incinezelo nentswela bulungisa. 60 65
- 6 **Elokugqiba lelokuba nokuba siyawasebenzisa la maqonga, kubalukekile ukuba sibenobulumko ngokumana sizinxwema kuwo kuba mva nje itekhnoloji isuke yabangumntu waze umntu wabasisixhobo.** Oku kungasinceda sihlaziyeke ngokwasengqondweni nasemoyeni. Ngaphezulu kungenza ibuyambo kwindlela esizibona ngayo, sibuye sibubone ubuhle nexabiso esinalo. Kwakho, sibenethuba lokubuka okusingqongileyo kuquka nabantu esihleli nabo nabasixabisileyo. Esi sisombululo sifuna ukuthathelwa ingqalelo ngokukhawuleza kweli lizwe liphasalakayo nelilahlekelwa lixabiso lobuntu. 70
- [Sithathwe kwiphephandaba i *The Star*, 15 Matshi 2018; iphepha 14 saguqulelwa saze sahlelwa.]

Jonga kumhlathi 1

- 1.1.1 Nika lo mgibe bathe zwabha kuwo abantu. (2)
- 1.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.
- Ngokwesicatshulwa isimamva u'ana' kwigama 'sicozana' linika intsingiselo yokuba isenzo ...
- A sibonakalisa ukuvuthelana ngokuvuthelana kwento.
 B senziwa ngabantu ababini omnye komnye.
 C senzeka calanye asincomeki siyanyembeka.
 D sibonisa ukongezeleleka ngokongezeleleka kwento. (1)
- 1.1.3 Khankanya izinto eziMBINI ezithi zakungabikho abantu babephantsi koxinzelelo. (2)

Jonga kumhlathi 2

- 1.1.4 Nika indlela imikhwa kumaqonga onxibelelwano esahlukanisa ngayo nobuntu bethu. (2)
- 1.1.5 Chaza ukuba abantu bazenza 'zibeyimiqolomba yokuzimela' njani iiselula fowuni zabo ngokomxholo walo mhlathi. (2)
- 1.1.6 Xela intsingiselo eziswa sisakhi u'akwa' kwigama akwasikhuthazela. (2)

Jonga kumhlathi 3

- 1.1.7 Xela ukuba okuqulethwe sisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa YINYANI okanye LULUVO ze uxhase impendulo yakho. (2)
- 1.1.8 Caphula amagama amabini kwimiqolo ukusuka kowe-26 ukuya kowe-30 athetha ukuba uChikezie wayehlala kwi-intanethi engaphumi. (2)
- 1.1.9 Cacisa indlela elifana ngayo ikhoboka leziyobisi nale meko kaChikezie. (2)

Jonga kumhlathi 4

- 1.1.10 Xela isakhono esavela kuChikezie njengesiphumo sokuzinxwema kumaqonga onxibelelwano. (2)

Jonga kumhlathi 5

- 1.1.11 Nika icala elihle nelibi lamaqonga onxibelelwano ngokwalo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi 6

- 1.1.12 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.
- Isivakalisi esibhalwe ngqindilili kulo mhlathi sisetyenziswe ngenjongo (yokucebisa/yokuqweqwedisa). (1)

Jonga kwitekisi yonke

- 1.1.13 Iballi likaChikezie liwuxhasa njani umxholo wesi sicutshulwa? (2)

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B (OKUBONWAYO)



[Uthathwe kwi-www.educartoons.com]

- 1.2.1 Xela sibe siNYE isixhobo esibonisa ukuba oku kukulo mfanekiso kuqhubeka ngexesha lasebusuku. (1)
- 1.2.2 Ngqina ngezizathu eziBINI ukuba umama wothukile. (2)
- 1.2.3 Chaza isigqebelo esibonakala ngokuthelekisa isikhipha nesenzo sokulala sosetafileni. (2)
- 1.2.4 Bhala isilumkiso osinika abantu wakuba ufunde lo mfanekiso. (1)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Isicatshulwa C esingezantsi simalunga noncedo lweeselfowuni.

Funda isicatshulwa C esingezantsi uze ubhale ingongoma eziphambili oza kuzisebenzisa kwintetho oza kuyinika kwiititshala nabafundi kwisikolo sakho malunga noncedo lweeselfowuni.

IMIYALELO

1. Bhala isishwankathelo sibe kwimo yeengongoma ungadluli kumagama angama-70.
2. Nombola izivakalisi zakho ukusuka ku-1 ukuya ku-7.
3. Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo ukubhala iingongoma.
4. Sebenzisa AMAZWI AKHO kangangoko unako.
5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

ISICATSHULWA C**IISELFOWUNI ZILUNCEDO**

Uphando olwenziwe nguAkpan ngowe 2017, lufumanise ukuba ininzi inzuzo ekusebenziseni iiselfowuni kumagumbi okufundela. Zidlula zonke iindidi zeencwadi ngoncedo kuba zisoloko ziluncedo olukufutshane kakhulu ngenxa yokuba zisoloko zingononca kubaninizo luze uncendo lufumaneke nangaliphi ixesha.

Zineendlela zonxibelelwano ezifikelelekayo phakathi kwabantwana nabazali okanye nootitshala. Ukuthumela iisms bubungqina bemiyalezo efikelelekayo apho ootitshala bekwazi ukuthumelela abantwana imiyalezo baze bayifumane kwangoko kwakunye namaqela oowhatsapp angundabamlonyeni.

Zisebenziseka lula nakubani ngokwahlukileyo kwiikhompyutha kuba iiselfowuni azinyanzelisi luqeqesho njengekhompyutha kuba umniniyo uzifundela ngokwakhe edlala ngayo kwaye zinobukhaphukhaphu kunazo.

Ukusebenzisa iiselfowuni njengezixhobo zokufunda nokufundisa kuyayitshintsha inkqubo yaseklasini eqhelekileyo yokuthetha nokusebenzisa itshokwe kuphela. Zona zithimba umdla ngemifanekiso iividiyo neekliphu ezimanyelwayo. Oku kuyabanceda abafundi abanemikhwa eyahlukileyo yokufunda.

Ziyasetyenziswa njengovimba kuba ziyakwazi ukugcina ubungqina bokufundisiweyo nokufundiweyo nanjengokuba abafundi bekwazi ukukushicilela luze lufumaneke lula olo lwazi xa ludingeka. Kubaluncedo ngakumbi xa bekuyiwe kufundwa ngaphandle okanye kufunwa ubungqina bengxelo yokufundiweyo le nto ibizwa ngokuba yipotifoliyo yobungqina.

Zibasisixhobo sokuphanda okanye sokuncedisa, ukukhumbula nokuqondisisa ulwazi. Ngayo umfundi angafowunela ingcungela kwisifundo eso, okanye angene kwi-intanethi afumane ulwazi olutsha oluqinisekisiweyo.

Ukusebenzisa *iselfowuni*, kwenza iindonga zeklasi, imida, imilambo ezeleyo ingabisosithintelo kwimfundo kuba iyaqhuba imfundo ingaqhutyelwa kuzo. Kaloku utitshala uyakwazi ukuthumela imisebenzi kubafundi bengaphandle kwamasango esikolo. Oku kwenza ukuba ukufunda nokufundisa kuqhubeke ngaphandle kweeyure ezimiselweyo neendawo ezimiselweyo.

Zihlala gingci endaweni yezichazi-magama iikhaltyhuleyitha, neemephu, ebezisenokuthi kanti azilanelanga nokulanela inani labafundi. Kuyabonakala ngokuphandle ukuba ukubalumla abafundi kwiiselfowuni, kungadala inxeba elingapholiyo. Mabakhuthazwe abafundi ukuzisebenzisa ngendlela ezingqamene nezemfundo.

[Sithathwe kwiNqaku elithi '*Cell Phones as Effective Learning Resource*' – nguVI Akpan-2017
amaphepha 5–7, saza saguqulelwa, sahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA D

**Banike ithuba
lokuzikhethela izipho abo
ubathandayo!**



**Akunto ilula ukukhethela omthandayo
isipho. U-SGBL ukwenza lula ngekhadi
lezipho elilungele ibhajethi yakho. Kulula
kuwe, kuncamis'umxhelo kophiwayo. U-
SGBL uqinisekisa uchulumanco kumntu
wonke!**

Amakhadi ezipho! 03-47077077
www.sgbl.com.lb

SGBL

[Sithathwe ku: www.adbusters.com sahlelwa]

- 3.1 Nika igama lenkampani ethengisa la makhadi ezipho. (1)
- 3.2 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.
Kwesi sibhengezo-ntengiso kuthengiswa (inkonzo/imveliso). (1)
- 3.3 Nika zibeMBINI iindidi zabantu abazuza uchulumanco ngenxa yamakhadi ezipho. (2)
- 3.4 Sijoliswe kwabaphi abantu esi sibhengezo-ntengiso? (1)
- 3.5 Xela ukuba isakhi u'zi' usetyenziswe ngayiphi injongo kwibinzana 'ithuba lokuzikhethela' kwesi sibhengezo-ntengiso. (1)
- 3.6 Nika isizathu sokusetyenziswa kwesibaluli u 'lula' ngendlela echaseneyo kwisibhengezo-ntengiso ngokomzekelo ongezantsi.
'Akunto ilula ... U-SGBL ukwenza lula ...' (1)

3.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

Igama 'kuwe' elikwisibhengezo-ntengiso libhekisa:

- A Kwisipho esithengiswayo.
- B Kumntu ophiwayo.
- C Kumthengi wekhadi.
- D Kumthengisi wekhadi.

(1)

3.8 Ingaba esi sibhengezo-ntengiso siphumelele ukukujika ingqondo ngendlela othenga ngayo izipho? Xhasa impendulo yakho.


(2)

[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E



[Ithathwe kwiphephandaba *iIndependent*, Thursday, 15 Matshi 2018]

4.1 Xela ukuba yintoni ebonisa ukuba isithuthuthu esikwisakhelo soku-1 sibaleka ngesantya esiphezulu.

(1)

4.2 Nika ubungqina obalatha ukuba uFrikkie ligosa lendlela.

(1)

4.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Kwisakhelo sesi-2 uLizo uphendula okomntu:

- A Ozibona emkhulu ngokwaphula umthetho.
- B Okudaneleyo ukuba ewaphula umthetho.
- C Ongaziqondiyo ukuba waphule umthetho.
- D Ozibona ekulungele ukwaphula umthetho.

(1)

4.4 Chaza uvakalelo lukaFrikkie kwisakhelo sesi-4.

(1)

4.5 Nika umahluko kwintsingiselo yegama 'cinga' ngokukaFrikkie nangokukaLizo.

(2)

4.6 Phawula ngomahluko okudaba lwamehlo kaLizo kwisakhelo sesi-3 nesakhelo sesi-4.

(2)

4.7 Ucinga ukuba uLizo uyaphoxisa ngabom okanye unyanisekile ekungaqondini ngokwempendulo yakhe? Xhasa impendulo yakho.

(2)

[10]

UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA F

Intshatsheli yokutsiba eyinzalelwane **yeli** leMpuma Koloni, uLuvo Manyonga, umisela ngokusesikweni itumente yezemidlalo ekhayeni lakhe eMhlanga, eKatkop eCacadu.

UManyonga sele ephumelele iimbasa ezininzi kuMzantsi Afrika nakwihlabathi kwezokutsiba emva kokuhlangulwa emlonyeni 5
wegongqongqo eliziziyobisi.

Ethetha namajelo eendaba ngeenjongo zakhe zokuqalisa itumente yemidlalo ekhayeni lakhe eMhlanga uthethe wathi, 'Ndibona kufanelekile ukuba sahlukane nokusola imeko, koko senze izinto kwiindawo esivela kuzo, baninzi abantu abadinga uncedo lwethu kuMzantsi Afrika 10
ngokubanzi,' uthethe watsho uManyonga.

Uthi ngale tumente ukwajonge ukubona italente ekhoyo kwiilali azalwa kuzo eMhlanga. 'Baninzi abantwana abafuna ukunikwa nje ithuba lokuba bazibonakalise ukuze kamva bangene nabo kwinqanaba lelizwe lehlabathi njengathi sonke,' utsho uManyonga. 15

[Sicutshulwe kwiphephandaba *IS'OLEZWE*, iphepha 12]

5.1.1 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
Igama elibhalwe ngqindilili:

- A Lisisikhombisi
 - B Lisisimnini
 - C Lisisenzi
 - D Lisisalathandawo
- (1)

5.1.2 Bhala isivakalisi esingezantsi sibe kwixesha elizayo.

'... uLuvo Manyonga, umisela ngokusesikweni itumente yezemidlalo ...'

(2)

5.1.3 Nika intsingiselo yegama 'kokuhlangulwa' elikrwelelwe umgca ngaphantsi.

(2)

5.1.4 Bhala esi sivakalisi sibe kwingxelo-ntetho.

'Masenze uncedo kwiindawo esivela kuzo,' uthethe watsho uManyonga.

Qala ngolu hlobo: UManyonga uthe ...

(2)

5.1.5 Yakha isibizo ngegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo uze usisebenzise kwisivakalisi.

'... baninzi abantu abadinga uncedo lwethu ...'

(2)

5.1.6 Xela izakhi ezikrwelelwe umgca kwesi sivakalisi silandelayo:

Baninzi abantwana abafuna ukunikwa nje ithuba lokuba bazibonakalise.

(2)

5.1.7 Nika (a) umsebenzi (b) nengcinga eziswa libinzana 'njengathi sonke,' kwisivakalisi elikuso kwisicatshulwa.

(3)

5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA G: UMFANEKISO



[Uthathwe kwiwebhusayithi yeSOWETAN 14-01-2014 wahlelwa]

5.2.1 Bhala kwakhona isivakalisi esilandelayo sibe kwimo evumayo.

Andazi ukuba ndingakuxelela njani oku.

(1)

5.2.2 Hlahlela isivakalisi esingezantsi ukhuphe igatya eliyintloko negatya elintanganye.

UBra Stix uuyekisiwe ibhola ekhatywayo kodwa ugqirha umfumanise enoxinzelelo.

Cwangcisa ngolu hlobo:

IGATYA ELIYINTLOKO	SIHLANGANISI	IGATYA ELINTANGANYE

(3)

5.2.3 Bhala esi sivakalisi silandelayo ngokuchanekileyo uthathele ingqalelo igama elikwizibiyeli.

Ugqirha (-sizi) ngoBra Stix.

(1)

5.2.4 Khetha isikhuzo esisetyenziswe kwintetho kagqirha.

(1)

[20]

AMANQAKU ECANDELO C:
AMANQAKU EWONKE:

40

80